



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2018

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P2**

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha angama-27.

IMIYALELO NENGACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwisiquatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amane:

ICANDELO A:	Inoveli	(35)
ICANDELO B:	Idrama	(35)
ICANDELO C:	Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D:	Imibongo	(35)

4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE.
5. Phendula IMIBUZO emiBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI .

ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo kwincwadi yedrama oyifundileyo.

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

ICANDELO D: IMIBONGO

Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBini.

6. Uluhlu lokukhangela lakukunceda.
7. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE
10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

IPHEPHA LESIQUATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo ube MNYE kwinoveli oyifundisiweyo kweli CANDELO.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	<i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omfutshane	35	5–7
OKANYE				
2.	<i>Umqol'uphandle</i>	Umbuzo omfutshane	35	8–10
OKANYE				
3.	<i>UMonwabisi</i>	Umbuzo omfutshane	35	11–13

OKANYE**ICANDELO B: IDRAMA**

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.

4.	<i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omfutshane	35	14–17
OKANYE				
5.	<i>Inzala YamaRhamba</i>	Umbuzo omfutshane	35	18–22

OKANYE**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

Phendula YOMIBINI imibuzo kweli Candelo.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
6.1	Umhlahlo ngamehlo	Umbuzo omfutshane	18	22–23
6.2	Ngumntu Onjani Lo?	Umbuzo omfutshane	17	23–24
OKANYE				

OKANYE**ICANDELO D: IMIBONGO:**

Phendula imibuzo YOMIBINI kweli Candelo.

7.1	Idyunivesithi iFort Hare	Umbuzo omfutshane	18	25–26
7.2	Imbongi	Umbuzo omfutshane	17	26–27

ULUHLU LOKUKHANGELA

Kunyanzelekile ukuba ujongisise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

	ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA (√)
A	Inoveli (Kusa Kusihlwa) (UMonwabisi)	1–3	1	
OKANYE				
B	Idrama (Ndiyekeni) (Inzala YamaRhamba)	4–5	1	
OKANYE				
C	Amabali amafutshane 1. Umhlahlo ngamehlo. 2. Ngumnto Onjani Lo?	6	1	
OKANYE				
D	IMIBONGO 1. (Idyunivesithi iFort Hare) 2. (Imbongi)	7–8	1	

QAPHELA: Qiniseka ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

ICANDELO A: INOVELI**UMBULO 1: KUSA KUSIHLWA – KS Bongela****ISICATSHULWA A**

1.1 Funda ngocoselelo esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

“E, Jwarha mntakwethu, ndize ukuze undincede.”

“Ewe; ngantoni ke?”

“Mfondini, ndilahlekelwe yinombolo yedompasi katatomncinci ndawonye nenombolo yenxiwa eliya wayekulo. Kaloku uyamazi ukuba waswelekela emaMpondweni.”

“Ke, mna ndiza kuyithatha phi?”

“Umkhondo wayo okufutshane kuthiwa unokufumaneka kwiincwadi zotshintsho lwevenkile ezikuwe.”

“Mnu. Makhwetshu le nto uyizeleyo ayizi kulunga kuba indawo yokuqala andiqondi ukuba igama lalo mntu uthetha ngaye lingakhona kuba le venkile ayizange ithengwe kuye. Phofu ke andingephimiseli ngentetha kuba ubungqina bungafumaneka ezincwadini ezingekho apha ngoku. Zihlala ezibhankini nasemagqwetheni alo mzi. Akulula ukuzifumana.”

“Ke, unani ungayi kuziphuthuma nje?”

“Ndiziphuthumele loo nto? Liza kuvela phi ixesha laloo nto? Mani, andiqondi ukuba uyayiqonda into yokuba ndindedwa kwaye kuxakekekile.”

“Uthetha ukuthi woyiswa kukuchitha iyure ibe nye ulungiselela mna? **Kanene ngoku Thamsanqa senizibona nibalulekile nibhabhela emafini ngendlela eningayaziyo.** Ngoku kunzima nokuba umntu makancede omnye umntu.”

“Uthe kanti uzele luxakaxa. Mos, akuzanga kuza kufuna ncedo koko uze kufuna enye into. Into ebhetele kukuyibiza negama ungayiteketisi uthi yinombolo yedompasi. Asiyo-ofisi yamapasi le apho kugcinwa khona iinombolo.”

Kwesi sithuba uye wafinifiniza uNtongana kubonakala ukuba uyacaphuka. Iqhinga lakhe nalo ibelelokuba amgrwangxule angamtyhafeli mhlawumbi wojika iingqondo ukuba ebexoka.

1.1.1 Nika igama lendawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwesi sicutshulwa singentla.

(1)

- 1.1.2 Ngubani lo tatomncinci athetha ngaye uMakhwetshu? (1)
- 1.1.3 Ingaba kwakufanelekile na ukuza kuzifuna kuThamsanqa ezi ncwadi zevenkile athetha ngazo uMakhwetshu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.4 Sizathu sini esakhokelele ekubeni ibenguThamsanqa olawula ivenkile kaLungile? (2)
- 1.1.5 Nika intsingiselo yentetho kaMakhwetshu ebhalwe ngqindilili. (2)
- 1.1.6 Veza indima edlalwe nguNozililo ukuze kubekho le ngxoxo. (2)
- 1.1.7 Khankanya iimpawu zibeMBINI ezimenza athandeke uThamsanqa. (2)
- 1.1.8 Loluphi udidi lwempixano olufumaneka kwesi sicutshulwa singentla? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 1.1.9 Sithatyathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicutshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)
- [18]**

KUNYE

- 1.2 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B

Kaloku mfo wam, le nto inje. Ngokuya ubungekho, sithe sakudibana namaJwarha sagqiba kwelokuba ufanelwe kukuba uthi njengokuba ugqibile nje, uthathe amathamsanqa kooyihlo, wenze umbulelo wokuba bekugcinile wada waba ugqibile ukufunda, **ukwenzela ukuba neqalo lakho lithi mbo**. Sithe sakube siwuqulunqa lo mcimbi safika unayo indawo eyinkxaka-luphondweni kuba wena ufana nomntu oyinzalelwane yalapha eThekwini, ukanti isinqe samawenu la anesikhalazo nesikhalo ngathi siseLusikisiki. Ngokwenene akuzange kuwiswe xhwane kulaa mzi, phofu ngenxa yokuba thina noyihlo besingazi nto. Ukanti mfo wam umfi lo ubekhe wayichaphazela le nto kumaphupha akhe phambi kokuba atshone. Ndibona ukuba ukufa kukabawo nomama kwenze ukuba kungabikho mntu unononophelo ngezi zinto.”

“Nali elam icebo. Yenza ulwamkelo lwakho apha eThekwini, apho izihlobo zakho ezikwaziyo zikhoyo ukuze ubuye uthi phambi kokuba uqalise umsebenzi njengoko nawe unxubile, wenze isidlo sokuxolisa amaJwarha.”

“Iza kuba yinto enjani ukwenziwa kwale nto? Kaloku, bawo, iya kuba yingozi nakum ukufane ndinqike abantu ndithi ndibabizela into efana nedini. Ayikuvakala kamnandi ezindlebeni loo nto.”

“Hayi Jwarha, musa ukuyicinga ngolo hlobo uyithatha ngalo. Akuzi kuxelelwa bantu ukuba kwathini kwathini ngamasiko namadini. Isicelo esenziwa nguyihlomkhulu ligazi qha ibe yimpelelo leyo.”

- 1.2.1 Kuthethwa ngantoni kwesi sicutshulwa? (1)
- 1.2.2 Tolika intetho kaThamsanqa ebhalwe ngqindilili kwisicutshulwa. (2)
- 1.2.3 Chaza igalelo likaThamsanqa kubomi bukaMpumelelo. (2)
- 1.2.4 Matanisa udidi lomlinganiswa okuKHOLAM B negama lomlinganiswa elikuKHOLAM A.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) UGqirha Masibane	(i) Umlinganiswa oyintloko.
(b) UThamsanqa	(ii) Ummeli ntlobo
(c) UMpumelelo.	(iii) Umxhasi
(d) UNozililo	

(3 x 1) (3)

- 1.2.5 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukufaneleka kwegama athiywe lona umlinganiswa onguNozililo kweli bali. (2)
- 1.2.6 Adlala ndima ni amaphupha kule noveli? (2)
- 1.2.7 Isityhilela ntoni ngesimo sikaMpumelelo intetho yakhe ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicutshulwa? Cacisa. (2)
- 1.2.8 Ibe nafuthe lini intlalo yaseThekwini kuMpumelelo? Cacisa. (3)

[17]

OKANYE

UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani

2.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA C

Uwubonile umqhakazo webhatyi yakhe entsha – eyona iyeyegugu kuye neyona **athembele ngayo xa selefuna ukubagqwalisa oogxa bakhe**. Uthe akuyijonga wazikhumbula izikhova awazincamayo mhla wayinyula. Mhlawumbi ukuyibona nje kwamenza wanomnqweno wokukhe azibone eyigaxele, khe abone ukuba imhlala njani na xa ayinxibe noomati bayo. Nditsho kuba wazithula nganye nganye ezo zambatho, watshona kuzo.

Uthe akuzifaka, wabhekabheka efuna indawo enesipili. Ususe unyawo...Uzikhumbule ke ukuba wayechophise ngezihlangu ezithwelwe zizithende ezibude okwentaba kaNdoda.

Yeha! Yagqwidiza zisuka nje intomb'enkulu. Ngumntu ke lowo oqhele ukuqhathula phakathi kwezidlangalala, amehlo ekuye onke. Uthe esusa olwesibini unyawo kwaba sekucacile ukuba into isebenza ngamandla entloko. Uthe makakhe acweye ukunyathela ngoku. Wena wakha wayibona impunzi ichabasa endimeni! Uthe esondela esipilini, wabe ezibona naye ukuba uyinkunkuma.

Ume apho phambi kweso sipili ezihleka kwayena ngokwakhe ebona oko kuhexa-hexa kwakhe – oku kwengcongolo ihebuka emoyeni. Wayewaqhuba ngokwenene amatakane. Kwakuxa udlezinye ezibalula esiswini.

Kuthe kusenjalo wavukwa sisifuthufuthu esingummangaliso, waqonda naye ukuba akukho ndlela-mbini; into emngeneyo ithi makaqhize – ngokwenene ke waqhiza.

Uqale ngezihlangu – wazikhaba zapoqa kude. Ungene kwimpahla esemzimbeni. Ekuyityedeni kwayo ulahle nje phantsi. Kambe uthe akuyibona ibhatyi yakhe yodidi ililifa lothuli phantsi, wayitsibela wayinxiba...

- | | | |
|-------|--|-----|
| 2.1.1 | Nika indawo avela kuyo lo mlinganiswa kuthethwa ngaye kwesi sicutshulwa singentla. | (1) |
| 2.1.2 | Ngubani lo mlinganiswa kuthethwa ngaye kwisicutshulwa? | (1) |
| 2.1.3 | Ingaba kwakufanelekile na ukuba lo mlinganiswa aziphathe ngohlobo oluchazwe kwisicutshulwa? Xhasa impendulo yakho? | (2) |
| 2.1.4 | Sizathu sini esathi sakhokelele ekubeni umlinganiswa okwisicutshulwa abe kule meko akuyo? | (2) |
| 2.1.5 | Nika intsingiselo yentetho ebhalwe ngqindilili kwisicutshulwa. | (2) |
| 2.1.6 | Veza indima edlalwe nguSajini Ngqondi kubomi bukaHlobo. | (2) |

- 2.1.7 Khankanya iimpawu zibeMBINI ezimenza ukuba uHlobo athandeke. (2)
- 2.1.8 Loluphi udidi lwempixano olukhokelele koku kuqhubeka kwesi
sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (3)
- 2.1.9 Sithatyathwe kweliphi inganaba lesakhiwo sebali esi sicutshulwa?
Xhasa impendulo yakho. (3)

[18]

KUNYE

- 2.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA D

“... **kwakuxhelw’eXhukwane kuye** sekugxijwa amabhinqa nje. “Iphuma ngomnyango. Ndithe mandilandele, ndineenjongo zokuyinika naluphi na uncendo elufunayo. Ubani ke! Imbukumbuku enjengam lo ukusindwa ngamanqatha yayingenakho ukumelana nezantya zodwenazana olunjengolo, into eyayiqhathula ngathi ngumqalwa wehashe. Ndathi ndiphuma yabe seyingasabonakal’intomb’asemzini, sendibona kuphela imoto eseyitsala nayo ngokwayo.

Andiyazi nento eyabangela ukuba ndime apho ndingabuyeli kwaseholweni kuba into yokubukela umntu oshiywe yintaka yakhe yayingafuni mna. Kodwa ke ndema ndiseso sipoyoyo sibukele umntu ongasabonakaliyo. Ndayibukela ke loo moto ibetha kuhle ukusinga ngakwesi singa singena kuso ngoku ihamba kanye ngale ndlela sikuyo ngoku. Yema kanye kwesi sithuba, yacinywa, kushiywa ezingasemva izibane ziligqengegqenge elibomvu. Ethubeni, nazo zibe zacinywa. Ndiqonde ngoko ukuba indiphulukile le nzwakazi. Nako ndinyoshoza ukubuyela kwakumboniso endandiwushiye ndisawuthanda kakade.”

Ukhe wee khebevu okaBumba esasela umoya wabe waqhuba: “Phofu ndiqale ngokuchwetha omnye woobhokili bam basemnyango ndifuna ukuqonda bucala ukuba singaba sasikho na isizathu esibangele ukuba bangalincedi elaa nenekazi. Undixelele ukuba lilo elathi maliyekwe liza kuzifunela isihlalo – nasesihlalweni, esithandwa lilo! Ndibuzile ukuba ibingubani na kambe inenekazi elo. Omnye uphendule wathi, “Andikhange ndikhathalele nokumqwalasela loo ‘styuz – mi’ ungafuni kuncedwa sithi siqeshelwe ukunceda abantu.”

- 2.2.1 Kuthethwa ngantoni kwesi sicutshulwa? (1)
- 2.2.2 Tolika ibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicutshulwa (2)
- 2.2.3 Chaza igalelo likaBumba kweli bali. (2)

- 2.2.4 Matanisa udidi lomlinganiswa okuKHOLAM B negama lomlinganiswa elikuKHOLAM A.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) UKhumalo	(i) Umlinganiswa oyintloko
(b) Amalungu ase <i>Moonglow Night Club</i>	(ii) Ummeli ntlobo
(c) UHlobo	(iii) Umchasi
(d) ULinda	

(3 x 1) (3)

- 2.2.5 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukufaneleka kwegama athiywe lona umlinganiswa onguLinda kweli bali. (2)
- 2.2.6 Xela udidi lwesafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)
- 2.2.7 Isityhilela ntoni ngendlela ababevakalelwa ngayo oobhokili impendulo yomnye wabo ethi, 'Andikhange ndikhathalele nokumqwalasela loo 'styuz – mi' ungafuni kuncedwa sithi siqeshelwe ukunceda abantu"? Cacisa. (2)
- 2.2.8 Ubenafuthe lini ebalini umboniso-bhanyabhanya ekuthethwa ngawo kwesi sicutshulwa? Cacisa. (3)

[17]

AMANQAKU EWONKE: 35

OKANYE

UMBUZO 3: UMONWABIS I – ZAMA A. JAPHTA**ISICATSHULWA E**

3.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ububele bukaThandabantu babungaphelelanga kubathengi nabasebenzi kuphela. Nosapho lwakhe lwaluthiwe wambu yiloo ngubo yakhe yobubele ishushu. Noxa wayeyiloo mvuzemvuze bububele ngakusapho lwakhe uRhadebe, **wayekwanaso wena isandla esingqongqo sengqeqesho.** Umntwana owayefane athambe ngakuye yayinguMonwabisi lowo, singazi ke bethu nokuba yayiyimfobe nosizi ngakuye kuba ekhula engenamzali ungowakhe. Wayesoloko emkhusela kwabanye abantwana xa mhlawumbi bedlala ukuze ke bamdlalise kabuhlungu kuba emncinci kunabo. Bona ke abo bantwana bakhe babesoloko benesikhalazo sokuba yena uMonwabisi uthandwa ngokugqitha bona nguyise lowo wabo, kuba besithi akafane abethwe okanye angxoliswe nguye yena. UThandabantu akazange ayinanze nganto le nto yezi zikhalazo kuba esithi ziinkcuku nje zosapho olusakhulayo, loo nto iya kuphinde idlule xa bekhulile bayibone ukuba ayinjalo loo nto. Kuba eneneni yena wayengamthandi ukubodlula abo bakhe uMonwabisi, koko nje yayilusizi lobuzali ebona yena inkedanyana engenabani, ngoko ke engafuni ukuba izibone ihlelelekile phakathi kwabo bakhe. Kungoko ke wayengayinanzi into yezikhalazo zabo bantwana bakhe.

Oyena mntu yamkhubekisayo le nto yokukhalaza kwaba bantwana yaba ngunina wabo, uMamTolo. Yamhlupha kakhulu into yokubona abantwana bakhe betyelelelwa nguMonwabisi waza wazimisela ukuba uza kwenza konke okusemandleni akhe ukuba asivale eso sikhewu.

- | | | |
|-------|--|-----|
| 3.1.1 | Nika igama lelali eyayikuyo ivenkile kaThandabantu. | (1) |
| 3.1.2 | Yayingubani unina kaMonwabisi? | (1) |
| 3.1.3 | Ingaba kwakufanelekile na ukuba abantwana bakaThandabantu bayikhalazele indlela awayephethwe ngayo uMonwabisi nguThandabantu? Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 3.1.4 | Sizathu sini esathi sakhokelele ekubeni uThandabantu aziqalele ishishini? | (2) |
| 3.1.5 | Nika intsingiselo yentetho ebhalwe ngqindilili ngoThandabantu. | (2) |
| 3.1.6 | Veza indima edlalwe nguMamTolo kubomi bukaMonwabisi. | (2) |
| 3.1.7 | Khankanya iimpawu zibeMBINI ezingathandekiyo kuHlubikazi. | (2) |

- 3.1.8 Loluphi udidi lwempixano oluvezwa kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 3.1.9 Sithatyathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicutshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

[18]

KUNYE

- 3.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA F

Bakuvuyela ke ukuza kuhlala nabo kukaMonwabisi kuba noko babe badala, izinto eziliqela sele kunzima ukuzenzela kubo. Kwakuthe chattha ukuguga apho kuRhadebe, kodwa engavumi ukude anikezele ngakumsebenzi, phofu ke bethu kwakungekho mntu wayeza kuwunikezela kuye. Ngoko ke wayengcambaza esiya, **evuka ngonyezi** livele ilanga sele kukudala esebenza. Wayengafuni ke nokuva ngokuhlala phantsi, engqondweni kuye esakhumbula ubuqhophololo bamhla mnene. Wayequqa qho kugqirha esisa le aphinde ase leya, kuba umzimba ungasavumi. Kungoko ke wavuya kakhulu uMamTolo kukufika kukaMonwabisi kuba eqonda ukuba uza kukhe afumane ukuphumla umyeni wakhe. Bobabini babemazi indlela azimisela ngayo emsebenzini kwaye bengaphikisani ukuba ngenene yena wayewuthanda loo msebenzi. Wakhawulezisa uMamTolo wacebisa ukuba uRhadebe anikele kuMonwabisi ngomsebenzi ukuze ke yena amane emhlola kumsebenzi lowo awenzileyo. Wavumela phezulu uRhadebe sele naye ngoku ewuva umzimba ukuba awusavumi. Wakufumana njalo ke ukuphumla uHlubi koko kusebenza nzima kuloo mashishini akhe. Waphumla ekuvukeni ngonyezi esiya kuvula kuloo mashishini, ukuze aphinde abe ngowokugqibela ukuphuma kuwo kuba inguye kuphela ophatha izitshixo zawo. Ngoku yonke loo nto yenziwa nguMonwabisi, yena sele efika emini ngokuza kucebisa kule nakuleya.

Emva kwethuba wayeka noko kuya kuhlola sele emthembe ngokugqibeleleyo uMonwabisi.

- 3.2.1 Kuthethwa ngantoni kwesi sicutshulwa? (1)
- 3.2.2 Tolika ibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicutshulwa. (2)
- 3.2.3 Bubenafuthe lini kuThandabantu ubuqhophololo bamhlamnene ekuthethwa ngabo kwesi sicutshulwa Cacisa. (3)

- 3.2.4 Matanisa udidi lomlinganiswa okuKHOLAM B negama lomlinganiswa elikuKHOLAM A.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) USamkelo Zangone	(i) Umlinganiswa oyintloko
(b) UMonwabisi	(ii) Ummeli ntlobo
(c) UThandabantu	(iii) Umxhasi
(d) UGcinumzi	

(3)

- 3.2.5 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukufaneleka kwegama athiywe lona umlinganiswa onguThandabantu kweli bali.

(2)

- 3.2.6 Isityhilela ntoni ngesimo sikaMamTolo intetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa?

(2)

- 3.2.7 Kungumqondiso wantoni oku kuqhubeka kwesi sicutshulwa?

(2)

- 3.2.8 Chaza igalelo likaSamkelo Zangone kubomi bukaThandabantu.

(2)

[17]**AMANQAKU ECANDELO A: 35****OKANYE**

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 4: NDIYEKENI – DM Jongilanga

4.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA G

Madala	: Ewe titshala uleqwa yini ngorhaty'apha?
Ndila	: Amanz'angen'endlwini bawo. Sesezolo uLoni uvuk'umnyele undinyus'umnqantsa wentaba.
Madala	: Ingaba intsusa mabandla yintoni?
Ndila	: Into ebitheni na bawo, iluchuku nje lwabashumayeli.
Madala	: UMawonga lo ucinga okokuba esi sikolo sesakwaLoni, kanti uqeshwe njengani nonke.
Ndila	: Ukuqeshwa yeny'into bawo, ukhonya okweBhulu efameni yalo.
Madala	: Ngaba sesi sanyankomo, ecinga ukuba isikolo esi ngamagquba'akhe.
Nonci	: Kanti makazi ukuba uDicksie lo naye uzalwa ngabantu njengaye, akaphumi zidulini.
Madala	: Masango, khawuthule uza kuwona lo mcimbi.
Nonci	: Hi bantu benkosi! Ndathi ndivelana nomntwana kaMamCira, kanti nditheza olunenkume.
Madala	: Nisuke niquphe ukuthetha oku, nixhaph'amagwebu Ningekayiva nenyongo yento eluthethwa ngayo ngobufazi obu benu – he! Mfanandini uza uphethe mcimbi mni kweli khaya, usithi mandombebe yiphi ingoma?
Ndila	: Tshangisa! Skhomo! Kudala undinyula ezinyuleni, namhlanje ndigxampuza kokaThisayo umgxobhozo.

Madala	: Ngako oko inqanawa iya kufuna embombo imiqokozo.
Ndila	: Kunjalo kanye Tshangisa. UMawonga undityhola ngokunxila esikolweni into ke leyo endingazange ndiyenze ndinxila nje. Ukuba ndiyanxila ndizinxilela phaya ezingqageni kambe ke Selendithembise ngomnyango.
Madala	: Uyititshala yokuqala ukwenza loo nto?
Ndila	: Ndazi phi na Tshangisa, ngokuba isuthu ngathi liphume nam nje.

- 4.1.1 Nika igama lendawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwale ngxoxo. (1)
- 4.1.2 Ngubani inqununu yaseNobutho ngexesha loku kukwisicatshulwa? (1)
- 4.1.3 Ingaba kwakufanelekile na ukuza kukaNdila kwaMadala? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.1.4 Xela isizathu esikhokelele ekubeni uNdila angene kule ngxaki wayeyizele kwaMadala. (2)
- 4.1.5 Nika intsingiselo yentetho ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)
- 4.1.6 Veza indima edlalwe nguSammy Maziko ukuze kubekho le ngxoxo. (2)

- 4.1.7 Khankanya iimpawu zibeMBINI zikaMadala ezingathandekiyo. (2)
- 4.1.8 Loluphi udidi lwempixano oluvela ngethuba uNdila abizelwe e-ofisini yenqununu yaseNobutho. Xhasa impendulo yakho. (3)
- 4.1.9 Sithatyathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho (3)

[18]**KUNYE**

- 4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA H

[Sekudlule iminyaka emihlanu, uMawonga uxake nabakokwabo. Sibona umkakhe uThandiwe, uNomadinga Zibula, noNaniwe Longo abahlobo bakaThandiwe kwaLoni.]

- Thandiwe : Hi bafazi, ithiwani into enje ngale yam? Ndiphulukwa yindoda bumini ndibukele.
- Naniwe : Hi ntombindini, uthetha ukuthi ubukele akwenzanga nomzabalazo lo?
- Nomadinga : Ukuba kunjalo **inene Thandiwe ubukela ubengu lijongiswe kuwe.**
- Thandiwe : Hayi, bafazi ndoyika ukwambula ingubo yomntu, hleze ndalame ndonakalelwe nangaphezulu. Kambe ke igqirha lakubinzwa lizibon'ukungazi. Namhlanje ndinqunyulwe amanqindi.
- Nomadinga : Wethu, chitha indlu kathikoloshe umndulule ngomnquma iimbambo zincazelane.
- Naniwe : Ungenzanga oko, yiba nento oyenzayo.
- Thandiwe : Hayi zintombi, leyo into yeyona eya kumfaka elwagcibeni. Makungathi cwaka.
- Naniwe : Hayi ntoni na wethu, uza kulibala kukukhwela emthini amasebe erhuba phantsi?
- Thandiwe : Kaloku amadoda athanda ukuthatha icala lasekunene kwakuba njalo. Andifuni kuzenza intlekisa.

Naniwe : Ikho intlekisa engaphezu kweli liso lakho life mnyama?

Nomadinga : Hayi tshomi, usalindele ukuba yinyhokrolo ukuze aqonde.

Thandiwe : Eyona nto indigqiba umphefumlo kukungayazi imali yale ndoda kule mihla.

Naniwe : Uza kuyazi phi, ifudumeza kwaZanele nje? Akungeni lubuyayo phaya. Uphi uPhindani? Uphi uMvandaba?

Nomadinga : Naba phandl'apha betyiwa ziintwala. Nale yakho isaya apho.

Thandiwe : Ndiyaliva eli cebo lenu, kodwa ke ndisabize umkhuluwa wakhe umfundisi uRay.

- 4.2.1 Xela igama ekubizwa ngalo intetho ebhalwa bukekela ifakwe kwizibiyeli kuncwadi oluyidrama. (1)
- 4.2.2 Tolika intetho kaNomadinga ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)
- 4.2.3 Chaza igalelo likaZanele kubomi bukaMawonga. (2)
- 4.2.4 Matanisa udidi lomlinganiswa okuKHOLAM B negama lomlinganiswa elikuKHOLAM A.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) USajini Njobe	(i) Umlinganiswa oyintloko
(b) UJerry	(ii) Ummeli ntlobo
(c) ULoni	(iii) Uvalithuba
(d) UZanele	

- 4.2.5 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukufaneleka kwegama athiywe lona umlinganiswa onguMaziko kweli bali. (2)
- 4.2.6 Isityhilela ntoni ngesimo sikaThandiwe intetho yakhe ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)
- 4.2.7 Xela udidi lwesafobe esisetyenziswe kwintetho kaNaniwe ekwisicatshulwa ethi ...
'Uza kuyazi phi, ifudumeza kwaZanele nje? Akungeni lubuyayo phaya. Uphi uPhindani? Uphi uMvandaba?' (2)
- 4.2.8 Ibenefuthe elingakanani le ngxoxo ikwisicatshulwa ebalini? Cacisa. (3)

[17]
[35]

OKANYE

UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA – M Mloketi

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ezithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

5.1 ISICATSHULWA I

Zanoxolo	: Kowu tata nawe mha! - Usile laa mntwana. Ndithethile naye nanjengoko benindicilele.
MaTshezi	: Utheni mntwan'am? Uhambe njani?
Zanoxolo	: Hayi akasanga ukrazukile.
Ncaphayi	: Yintoni mfo wam? Kwenzeke ntoni? Anilwanga kodwa?
Zanoxolo	: Hayi tata, ndizithobe kangangoko, njengoko benicebisile. Kodwa, inkulu into emzelayo laa mntwana. Andazi nokuba uphumelela njani na khona kwesiya sikolo. Ulilisela ngemfundo yakhe.
MaTshezi	: Nantso ke into ayaziyo. Uthi igumbi eli alala kulo lona licocwa ngubani, yintengu?
Zanoxolo	: Yho mama! Ndithi kunuka kunuka kunuka kweliya gumbi alala kulo laa mntwana. Sisankqange sento ongenakuze uyichaze nokuba kunuka ntoni na.
MaTshezi	: Heke! Naso ke isifundiswakazi sasemaTolweni.
Zanoxolo	: Ndithi akukho nendawo le yokunyathela xa ungena phaya. Impahla ifumbe indawo yonke. Ezinye zijinga ezikhonkwaneni ezindongeni. Yhu! Ivumba.
MaTshezi	: Iphume isisicibala intombi yam, ngathi ayiphumi kula. Gehena.
Ncaphayi	: Khawume MaTshezi. Uyamphazamisa uZanoxolo. Qhuba mfo wam. Phofu uthini ngale ubuyihambe?
Zanoxolo	: Utyhola umama kaloku tata. Isimanga seso.
MaTshezi	: UmntakaTyingca! Undityhola uthi nditheni?
Zanoxolo	: Uthi nguwe kaloku mama othanda ukwenza yonke into apha ekhaya ngokwakho. Yena akumniki ithuba lokuba enze kwanto. Uthi evuka nje ube wena sowugutyule yonke indlu, kubetha umoya.

- 5.1.1 Nika igama lendawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwale ngxoxo. (1)
- 5.1.2 Ngubani lo mntwana kuthethwa ngaye kwesi sicatshulwa? (1)
- 5.1.3 Ingaba kwakufanelekile na ukuthunywa kukaZanoxolo ukuba athethe nalo mntwana? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 5.1.4 Xela isizathu esakhokelela ekubeni isimo salo mlinganiswa kuthethwa ngaye sitshintshe ngolu hlobo ebalini. (2)
- 5.1.5 Nika intsingiselo yentetho ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)
- 5.1.6 Veza indima edlalwe nguGxalaba kweli bali. (2)
- 5.1.7 Khankanya iimpawu zibeMBINI zikaThambolenyoka ezingathandekiyo. (2)
- 5.1.8 Loluphi udidi lwempixano oluvela ngethuba uThambolenyoka agxotha uDina kwishishini lakhe. Xhasa impendulo yakho. (3)
- 5.1.9 Sithatyathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho (3)

[18]**KUNYE**

5.2 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo.

ISICATSHULWA J

Nyoka	: Khangelani manenekazi, yonke into iza kulunga namhlanje, uMkhefa noSdokhwe basendleleni evela eMthatha. Bayeza. Ndigqiba ukuthetha nabo ngoku emnxebeni.
Noyongo	: Hayi kuhle Mlungu.
Nomhase	: Kuhle Mlungu.
Nyoka	: Ndifuna ningalibali nina nobabini, andifuni ukuba nenze kwanto namhlanje, ndifuna nigoduke kwangoko niyokuphumla. Ukufika nje kukaMkhefa noSdokhwe, ningakhululeka.
Noyongo	: Kulungile Mlungu.
Nyoka	: Sefikile phofu yena laa sathanakazi womntwana?
Noyongo	: Ewe sele ekhona Mlungu. Usandula ukungena khona ngoku. Futhi ufike wenza isimanga angaqhelanga kusenza namhlanje.
Nyoka	: (<i>Endweba ephakamisa amashiya</i>) Wenze ntoni?
Noyongo	: <u>Ufike waya ngqo ekhawuntaleni, wakhomba ibhotile yegrangqa KWV 10 YEAR OLD, wathi makagalelelwe kuyo, wayibetha entloko, kwade kwakabini.</u>
Nyoka	: (<i>Esothuka</i>) Hhe!
Nyoka	: Kunjalo Mlungu. Wandula wabiza inkonkxa yeCoca Cola, wahlawula waya kuhlala phantsi.
Nyoka	: (<i>Esaxhome amehlo</i>) Wenze loo nto?
Noyongo	: Kunjalo Mlungu.
Nyoka	: (<i>Ewarhole entloko amehlo ephunguza, engazinzanga konke konke</i>) Kulungile. Nokuba ithetha ntoni na loo nto ayinamsebenzi, bayeza ooMkhefa noSdokhwe basendleleni. Ugqibelisile ukungena kule hotele laa sathanakazi womntwana. Kulungile, ningakhululeka.

Noyongo	: Kulungile Mlungu.
Nomhase	: Kulungile Mlungu.
Nyoka	: Kuhle ningakhululeka. – Eh Noyongo, uyilungisile moss laa nto neh?
Noyongo	: Ewe Mlungu, seyiseRoom 8.
Nyoka	: Iseyileya moss yale veki iphelileyo bendithe ndiyayifuna?

- 5.2.1 Xela igama ekubizwa ngalo intetho ebhalwa bukekela ifakwe kwizibiyeli kuncwadi oluyidrama. (1)
- 5.2.2 Tolika intetho kaNyoka ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)
- 5.2.3 Chaza igalelo likaNoyongo kubomi bukaThambolenyoka. (2)
- 5.2.4 Matanisa udidi lomlinganiswa okuKHOLAM B negama lomlinganiswa elikuKHOLAM A.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) USajini Gxalaba	(i) Umlinganiswa oyintloko
(b) USdokhwe	(ii) Ummeli ntlobo
(c) UThambolenyoka	(iii) Uvalithuba
(d) UMaTshezi	

- 5.2.5 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukufaneleka kwegama athiywe lona umlinganiswa onguZanoxolo kweli bali. (2)
- 5.2.6 Isityhilela ntoni ngesimo somlinganiswa ekuthethwa ngaye intetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)
- 5.2.7 Xela udidi lwesafobe esisetyenziswe kwinkcaza ekwisicatshulwa ethi ...
'Ewarhole entloko amehlo ...' (2)
- 5.2.8 Ibenefuthe elingakanani le ngxoxo ikwisicatshulwa ebalini? Cacisa. (3)

[17]

AMANQAKU ECANDELO B: 35

OKANYE

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

UMBULO 6

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ezithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye.

6.1 UMHLAHLA NGAMEHLA – LL Ngewu

ISICATSHULWA K

Umtshutshisi ubuzile ukuba le ntwazana imke eholweni esi sibheshu sinomhlaba na koko omnye uphendule ngelithi sihlangele nomhlaba ngenxa yokujijisana nommangalelwa. Uphinde wabuza umtshutshisi ukuba ummangali lo uqinisekile na ukuba esi senzo simanyumnyezi senziwa ngummangalelwa na. Uphendule uNompoxeko ngelithi ngobo busuku ummangalelwa wayefake ipensile emva kwendlebe. Loo pensile yaba yinto abambebelela kuyo. Umtshutshisi uphindele kwakwitafile ebinempahlana wayithatha le pensile wayiphakamisela phezu ukuba ibonwe ngulowo ubechophele eli tyala.

Uqhubile uNompoxeko echaza ukuba emva kokuthotywa isidima sakhe sobuntombi nokuhlutywa ngokulihlazo ngummangalelwa lo wagoduka waya kubika kowabo. Abazali bakhe bamqononondisile ukuba akhe awazile amanzi ngobo busuku. Ngengomso unina umse kwagqirha naye ovumileyo ukuba udibene nesihange. Umtshutshisi ugqithisele kumfo ochophele eli tyala ingxelo kagqirha. Le ndedeba iyiphononongile le ngxelo kuthuleke cwaka enkundleni ngokungathi abantu sebelindele ukuwiswa kwesigwebo. Ngeli xesha uNompoxeko echaza isihelegu esamehlelayo, ummeli wommangalelwa **ubegxaba ukubhala oku** kuxwebhu ebeliphezu kwale tfile yabahambi.

Akuzonelisa umtshutshisi ukuba ubufumene bonke ubugocigoci obutyabeka ummangalelwa ngesi sityholo simanyumnyezi uguqukele kummangalelwa ukuba makangene emkhumbini. UZolani ubuziwe ngumtshutshisi ukuba uyalivuma na ityala koko umfana wakwaMthi waseMfabantu waphika kwanto. Utyityinjiselwe umnwe ngumtshutshisi ukuba angachithi ixesha lenkundla ngobuxoki ...

- | | | |
|-------|---|-----|
| 6.1.1 | Xela udidi lwetyala elixoxwayo ngokwesicatshulwa. | (1) |
| 6.1.2 | Ngubani umtshutshisi kweli tyala? | (1) |
| 6.1.3 | Ingaba kwakufanelekile na ukuba uNompoxeko abe ulahliwe lityala? Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 6.1.4 | Xela isizathu esikhokelele ekubeni amapolisa amgxothe uNonkanyezi kweli tyala. | (2) |
| 6.1.5 | Tolika intetho ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. | (2) |
| 6.1.6 | Xela indima edlalwe nguNonkanyezi kweli bali. | (2) |

- 6.1.7 Khankanya iimpawu zibeMBINI zomtshutshisi wetyala likaNompoxeko ezingathandekiyo. (2)
- 6.1.8 Xela udidi lwempixano oluvezwa ngethuba uZolani adlwengula uNonkanyezi. Xhasa impendulo yakho. (3)
- 6.1.9 Sithatyathwe kweliphi inganaba lesakhiwo sebali esi sicutshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)
- [18]

KUNYE

6.2 NGUMNTU ONJANI LO – LL Ngewu

ISICATSHULWA L

... uNgxabane waphinda kwakula nto yakhe yovuko ebeqale ngayo. Ibeninzi ke ngoku into ayithethileyo mhlawumbi eyaziwa nguye yedwa. Le bhokisi ibilandelwa ngabantu abamalunga namashumi amabini. Kwesi sihlwele bekukho abafazi abane ababonakele ngokugqunywa ngeengubo ukuba babesondele kakhulu apha kumfi. Omnye waba bafazi ubedlisela ngokumana **esothula isikhalo**, kunjalo nje kubonakala ukuba esi sikhalo sasilinde le mini.

Phaya enkundleni bekukho itafile ebigqunywe ngelaphu elimhlophe ebelishwabene kanobom. Kufuphi nale tafile bekukho isitulo angqale ngqo kuso umfundisi. Izitulo zamadoda asibhozo zona bezizimele geqe kwesi sikamfundisi. Ibhokisi ixhaswe zizitulo ezibini ebeziphambi kwetafile kamfundisi. Akugqiba amadoda ukuyibeka ibhokisi kusondele abafazazana ebebephethe amakhuko nezicamba ezondlalwe ngobunono kufutshane nomkhumbi. Abazili bahlaliswe kula makhuko nezicamba. Kukhe kwathuleka umzuzwana ingathi akukho mntu waziyo ukuba kufuneka kwenzeke ntoni.

Kuphakame ufafa lomfana weza ngqo kumfundisi, wamnika iphetshana. Ulijonge nje kancinci umfundisi eli phetshana, kwabonakala ngohlobo alityhilizele phaya ngalo ukuba kumcimbi wokufunda umfundisi lo akazingci nganto. Umile lo mfana ejonge ntsho kumfundisi, ngokungathi ulindele impendulo yencwadi ebemgqithisele yona. Ude umfundisi wasebezela lo mfana wathi kuye, “Siza kuqala ngomthandazo. Kodwa lo mntu ndize kumngcwaba ngumntu onjani?” Umfana akawuphendulanga lo mbuzo kamfundisi, koko wajonga kude.

- 6.2.1 Kuthethwa ngantoni kwesi sicutshulwa? (1)
- 6.2.2 Tolika intetho ebhalwe ngqindilili kwisicutshulwa. (2)
- 6.2.3 Chaza igalelo likaMathiyane kweli bali. (2)

- 6.2.4 Matanisa udidi lomlinganiswa okuKHOLAM B negama lomlinganiswa elikuKHOLAM A.

KHOLAM A		KHOLAM B	
(a)	UNgxabane	(i)	Umlinganiswa oyintloko.
(b)	UNdawana	(ii)	Ummeli ntlobo.
(c)	UMaThiyane	(iii)	Uvalithuba.
(d)	UFandesi		

(3)

- 6.2.5 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukufaneleka kwesihloko seli bali

(2)

- 6.2.6 Kungumqondiso wantoni oku kuphithizela kuvezwa kweli bali?

(2)

- 6.2.7 Isityhilela ntoni ngemeko kamfundisi intetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa?

(2)

- 6.2.8 Kubenefuthe elingakanani kuMathiyane ukuba nesiqinisekiso somtshato wakhe?

(3)

[17]**AMANQAKU ECANDELO C:****35****OKANYE**

ICANDELO D: IMIBONGO

Phendula imibuzo esetwe kwimibongo YOMIBINI.

UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – Sibongile Maputi nabanye

7.1 Funda lesi sicutshulwa sombongo singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

IDYUNIVESITHI IFORT HARE

- 1 Ntsika yeDike, mvaba yolwazi,
- 2 Ubombo lujong'ezantsi.
- 3 Awugungqiswa qhwithelo, njengasikhondo.
- 4 Kuloo mathafa uvelele iXesi;
- 5 Kuwe baty'udaka, baphefumla isiNgesi.
- 6 Ntsikandini yeDike.
- 7 Maxa onke **ubhonxile**;
- 8 Ulibo luyamfimfithekisa, luyafunxa;
- 9 Luphambukela kuwe lukhwaza
- 10 Umsindo ozayo nentsokolo.
- 11 Ntsikandini yeDike.
- 12 Imibele yakho iyahluhlusa;
- 13 Umgqeku uyancela, uyalenca.
- 14 Isimbonono sesendlala nokungazi,
- 15 Umi, uyafundisa uthibaza impalalo.
- 16 Zidle ngobunkokheli kwimfundo;
- 17 Khalima impambano, ubhanxo nembudo;
- 18 Nwenwisa uluchwe lwakho ekhaya;
- 19 Uze uphe iintsatshana ukukhanya.
- 20 Wena uyintsika yeDike.
- 21 linkokheli zeAfrika zirhabule kuwe;
- 22 Nabaphambuki imbala bafunda lutho;
- 23 Injongo ikukufohlela nokuzixhobisa;
- 24 Eneneni awaphoxisa wafundisa.
- 25 Ntsikandini yeDike.
- 26 Wena akunantanga;
- 27 Amagwangqa ayangcangcazela wakukhankanywa;
- 28 Ayakwazi, ngokuzibalula, hayi ngakumenywa,
- 29 Akh'azama ukunyemba, akha phantsi
- 30 Abahlonitshwa baphuma apho kaloku,
- 31 Oomakhwekhwetha nooNantsi,
- 32 Nditsho noDalibhunga igaqa.
- 33 Izititsi uyatyhila ususa nomdintsi.
- 34 Fort Hare, kuthethiwe kugqityiwe,
- 35 Nemisebenzi yakho ingqiniwe
- 36 Indima yakho iyabonakala,
- 37 Exesheni likaqulukubhode.

- 7.1.1 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.1.2 Chonga isafobe esikumqolo wesi-3 uze utyhile esikuphuhlisayo. (3)
- 7.1.3 Cacisa le meko ichazwa yimbongi kumqolo we-5. (2)
- 7.1.4 Xela umfanekiso ngqondweni oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kwisitanza sesi-2. (1)
- 7.1.5 Khankanya iingxaki zibeNTATHU ezijongenene nesizwe ngokwesitanza sesi-3? (3)
- 7.1.6 Chaza ukuba injongo yomxholo okwisitanza sesi-4 yahluka njani kuleyo ikwisitanza sesi-5. (2)
- 7.1.7 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwezi zilandelayo.
Xa imbongi isithi kumqolo wama-29
'... akh'azama ukunyemba, akha phantsi',
ithetha ukuba iinzame zokunyelisa le dyunivesithi za ...
- A zaziphantsi.
B zaphanza.
C zaphumelela.
D zaphindwa. (1)
- 7.1.8 Iqaqambisa ntoni imbongi kumqolo wama-32? (2)
- 7.1.9 Xela isixhobo sohlalutyo esisetyenziswe yimbongi kumqolo wama-34 nowama-35. (2)

[18]**KUNYE**

- 7.2 Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

IMBONGI

- 1 Nguchul'ukunyathel'ingcibi yezibongo;
- 2 Lichabasa lechebesh'elichas'amachelesi;
- 3 Yinkcambi yolwimi ichanasa lokucukuceza.
- 4 **Kroti** lakwabani ngqanga yamazwi!
- 5 Khonkco lomzi nesizwe samathongo;
- 6 Akusiloqi nasiwanqi salopholopho;
- 7 Yinjinga engaqhayisi ngazincwadi zamlungu;
- 8 Izigasa ngezisongelo zolwimi oluncuthu mazangwa.
- 9 Yingcungcu ongeyivali mlomo,
- 10 Kub'imiqobo ayibekelwa mbongi;
- 11 Ngumavula-kuvaliwe isinyikatha sesazi
- 12 Seemfihlo zelizwe elizayo kwisizwe samaThongo.
- 13 Yingqitsimakhw'engaphahluki njengathumba.
- 14 Yipikoko ekucondoba kutsal'injezu;
- 15 Yintambanana ukuvotyzel'ityityimba;
- 16 Ngudokolwan'ukuwaganga amantyontyelo.
- 17 Xa bendingayimbongi kwiimbongi zelizwe,
- 18 Bendingahlasimla ngohlwantsi lohlwahlwane;
- 19 Ndihlahlambe ndihlehlahlela ndihlasimla,
- 20 De ndididizele ndithi dabalala.

- 7.2.1 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.2.2 Tolika okuthethwa yimbongi kumqolo wesi-2. (2)
- 7.2.3 Nika isithethantonye segama elibhalwe ngqindilili kwisitanza soku1. (1)
- 7.2.4 Loluphi olu didi lwembongi kuthethwa ngalo kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 7.2.5 Xela umsebenzi wembongi oxelwe kumqolo wesi-5. (2)
- 7.2.6 Chonga isafobe esikumqolo we-9 uze uchaze ukuba siphuhlisa ntoni? (3)
- 7.2.7 Xela isakhiwo sangaphandle salo mbongo. (2)
- 7.2.8 Nika zibeMBINI iindidi zeentaka ethetha ngazo imbongi kulo mbongo. (2)

[17]

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70

